ISIFUNDO 2 *Apreli 1–7

# Umzuzu Wesiphelo



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Fundela Isifundo Sale Veki:** *Mat. 24:14, IsiTyh. 14:14—20, Mat. 16:27, IZenzo 1:9—11, Marko 4:26—29, IsiTyh. 16:1.*

**Indima Yenkumbulo: "Ndabona, nalo ilifu elimhlophe; elifini apho kuhleli ofana noNyana woMntu, enesithsaba segolide entloko, esandleni sakhe enerhengqa elibukhali. Kwaphuma esinye isithunywa sezulu etempileni, sidanduluka ngezwi elikhulu kulo uhleli efini, sisithi, 'Lifake irhengqa lakho, uvune; ngokuba lifikile kuwe ilixa lokuvuna; ngokuba ukudla komhlaba kuvuthiwe' "** *(IsiTyhilelo 14:14, 15)***.**

UThixo wasoloko ethetha nabantu baKhe, ebanika zonke iinyaniso ezifanelekileyo ababezidinga ukuba bazive ngelo xesha. Ukusuka kwisilumkiso ngoNogumbe *(Gen. 6:7)* ukuya ekufikeni kokuqala kukaYesu *(Dan. 9:24—27)* kuse kumgwebo waphambi kokuba abuye okwesibini *(Dan. 7:9, 10; Dan. 8:14)* kude kuyokufika kwiziganeko zokugqibela phambi kokubuya kukaKristu *(IsiTyhilelo 12—14)*, uThixo uthethile nathi. Kule mihla yokugqibela uthumele isigidimi esisodwa ehlabathini nakubantu baKhe, esilungiselwe ukuhlangabezana nezidingo zeli xesha. Usizoba esi sigidimi njengesiphethwe zingelosi ezintathu eziphaphazela esazulwini sezulu zinesigidimi esingxamileyo, sexesha lokuphela esiya kulo lonke ihlabathi.

Izigidimi zengelosi ezintathu sisigidimi sokugqibela senceba sikaYesu, ubizo olusisusa ekuthembeleni kobethu ubulungisa ukuba sithembele kubulungisa bukaYesu ukuba asigwebele, nokuba, ekupheleni kwexesha, asizukise.

Njengoko kuhlala kunjalo, phofu, kufuneka simkhethe uKristu, sizinikele kuYe simthobele, kwaye ukukhetha esikwenzayo ngoku kuya kuba negalelo kukhetho esilwenza ngexesha lembudumbudu ezayo ngaphambi kwethu.

Ngenxa yoko, ngoku lixesha lokulungiselela.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaApreli 8.*

# Ukhetho Olungunaphakade

IsiTyhilelo 14 sisigidimi sikaYesu sokugqibela senceba kwihlabathi eliwileyo nelivukelayo, elithe, kangangeminyaka emawaka mathandathu, lakekelela esonweni nakokubi. Iya kufika imini xa uluntu lonke apha eMhlabeni luya kwenza isigqibo salo sokugqibela, nesingayi kubuya sijikwe, mhlawumbi esimamkelayo okanye esimchasayo uYesu. Isigidimi sobulungisa bukaKristu, esisihlangulayo ekubulaweni sisono, nasekuxhakamfulweni kwemiphefumlo yethu sisono, siya kuvakala siphinda-phinde kuwo wonke umhlaba.

**Funda uMateyu 24:14 umthelekise nesiTyhilelo 14:6. Sithembiso sini uYesu awasinika abafundi baKhe ngokusasazwa emhlabeni wonke kwendaba Ezilungileyo Ezingunaphakade kanye ngaphambi kokubuya kwaKhe?**

_________________________________________________________________

_________________________________________________________________

Isithembiso sikaYesu sokuba " 'ezi ndaba zilungileyo zingunaphakade zobukumkani ziya kushunyayelwa kulo lonke ihlabathi' " *(NKJV)*, esinikwe kuMateyu 24:14, sizaliseka kwisigidimi sikaKristu semihla yokugqibela, kwisiTyhilelo 14:6, esithi Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade zivakaliswa "kuzo zonke izizwe, iintlanga, iilwimi, nabantu."

Kathathu kwisiTyhilelo 22 uYesu uthi uyeza kamsinya *(IsiTyh. 22:7, 12, 20)*. Ngokokubuya kwaYo okukhawulezileyo, iNkosi yethu yongeza ithi: " 'Lowo ungalungisiyo, makaselehlala engalungisi; lowo uyinyhukunyhuku, makaselehlala eyinyhukunyhuku; nolilungisa makaselehlala elungisa; nongcwele makaselehlala ezingcwalisile' " *(IsiTyh. 22:11)*. IsiTyhilelo sinyukela kwisiphelo apho wonke ubani kuthiwa makenze isigqibo ngokumamkela okanye ukumala uKristu.

Phofu ke, yonke imihla, ngokukhetha kwethu nakokuthiwa "zizinto ezincinane," sikhetha mhlawumbi ukuba sibe ngakuYe okanye simchase uYesu. Akuqhelekanga ukuba ubani okholisa ukwenza ukhetho olugwenxa ebomini bakhe ngoku, anathi ngequbuliso, ngembudumbudu yokugqibela, ahle abe ngakwicala likaYesu, ngakumbi xa ubunzima balo lonke ihlabathi elikhohlakeleyo bumchasa. Ngoku, namhlanje, nayo yonke imihla, kufuneka sikhethe ukuthembeka kuKristu nakwimithetho yaKhe. "Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe" *(1 Yohane 5:3)*. Ngokutsho kukaEllen G. White, ukuthi: "UYesu akasiguquli isimilo ekufikeni kwaKhe. Umsebenzi wokuguqulwa kufuneka wenziwe ngoku. Ubomi bethu bemihla ngemihla benza isigqibo ngesiphelo sethu."—*Last Day Events*, p. 295.

**UThixo uziqulunqa njani izimilo zethu? Usebenzisa ntoni ukusenza sikhule elubabalweni? Yintoni esinokuyenza ukuze simvumele ngaphezulu uMoya Oyingcwele ukuba asiguqule sifane ngakumbi noYesu?**

_________________________________________________________________

# UNyana WoMntu Uyabuya

IsiTyhilelo 14 sineendima ezisisitshixo ngokubhekiselele kwisigidimi seNkosi semihla yokugqibela kubantu baYo kunye nehlabathi. Embindini wako konke, kukubuya kukaYesu, ukuzaliseka kwesithembiso saKhe esithi, " 'niya kumbona nokumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu' " *(Marko 14:62)*.

**Funda IsiTyhilelo 14:14. Sesiphi isihlonipho esisetyenzisiweyo esichaza uYesu xa ebuyela emhlabeni?**

___

UYesu wasebenzisa isaci "Nyana woMntu" ukubhekisa kuYe amaxa angama-82 kwIindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade. Yayisesinye sezihlonipho awayezithanda. Wayesisebenzisa ukubonisa ububele bokuzifanisa nathi. UnguMsindisi osiqondayo, onamava okuhendwa, waphumela kwizilingo zethu. Ungu"Nyana woMntu" obuyela ukuza kusithabathela ekhaya. UYesu obuyela thina ukwanguYesu owayehlala phakathi kwethu. Ukufanele ukusihlangula kuba waba ngomNye wethu, kanti ke, njengomnye wethu, waqubisana nengqumbo epheleleyo yezihendo zikaSathana, waza Yena woyisa.

**Sifunda ntoni kwiindima ezilanelayo zeBhayibhile ngoYesu, uNyana woMntu?**

*Mat. 16:27* ___

___

*Mat. 24:27, 30* ___

___

*Mat. 25:31, 32* ___

___

Qaphela ezinye zeziqalelo kwezi ndawo: (1) UYesu, uNyana woMntu, uyabuya esebuqaqawulini neengelosi zaKhe. (2) Uya kuzahlula izimvu ezibhokhweni (umgwebo ke lowo). (3) isiphelo sezizwe nalo lonke uluntu siya kumiswa ngonaphakade.

**Cinga ngesaci u"Nyana woMntu" nesikuthethayo ngokuzithoba kukaKristu. Nangona enguThixo, waba ngomnye wethu, ngokufana nathi, kodwa ngokungafaniyo nathi, akazange wona. Themba lini elimangalisayo olinikwayo kwesi saci (1) ngokwazi uthando uThixo analo kuthi; (2) ukwazi ukuba unakho ukuqhelana namadabi wakho nokuba akunike uloyiso kuwo?**

# Umgwebo Wasezulwini

**Funda IsiTyhilelo 14:14 neZenzo 1:9—11. Zinto zini ezifanayo ozifumanayo?**

UYohane uthi, "Ndabona, nalo ilifu elimhlophe; elifini apho kuhleli ofana noNyana woMntu" *(IsiTyh. 14:14)*. Xa uYesu wayenyukela ezulwini, uLuka ubhala kwiZenzo 1:9 athi, bathi besamile abafundi beqwalasele ezulwini, "bekhangele, [uYesu] wafukulwa; lathi ilifu lemka naye emehlweni abo" *(RV)*. UYesu wenyuka ngelifu leengelosi kwaye uya kubuya ngelifu leengelosi. Iingelosi, ngelo xesha, zavakalisa kubafundi abamangalisiweyo kwiZenzo 1:11, ukuba, " 'Kwayena lo Yesu unyusiweyo kuni, wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimbone esiya ngalo emazulwini' " *(RV)*. Kukho inyaniso yezulu emiliselwe kule ndawo enokungabonakali kakuhle. Lo "Yesu mnye," uNyana woMntu," Lo wayehamba kwizitrato ezinothuli zaseNazarete, elungiselela kwizitrato ezixineneyo zaseYerusalem, ephilisa abagulayo kwimizi yakwaIsrayeli, washumayela kumacala eenduli anengca waseGalili, uya buya kwakhona.

UNyana woMntu ukwakhankanywa ngokubhekiselele kumgwebo kuDaniyeli 7.

**Funda Daniyeli 7:9, 10, 13, 14. Kwakutheni ukuze uDaniyeli ambize uYesu ngokuthi ngu"Nyana woMntu" kwinto enzima njengomgwebo? Yintoni, njengoko sesibonile, enokuthuthuzela ekwazini ukuba "uNyana woMntu" usembindini kakhulu womgwebo?**

KuDaniyeli 7:9, 10, uDaniyeli ubona kuhleli enkundleni yasezulwini amawaka angamashumi amawaka ngamawaka ezidalwa ezizingelosi zijikeleze itrone. Umgwebo uhleli, neencwadi —iingxelo zobomi bethu—zivuliwe phambi kweyunivesi. KuDaniyeli 7:13, 14, uNyana woMntu uza kuNyange-leMihla, uYise, amkele ubukumkani baKhe obungunaphakade. Umgwebo utyhila phambi kweyunivesi yonke ukuba uYise, uNyana, noMoya Oyingcwele bakwenze konke okufanele ukwenziwa ukusindisa lonke uluntu. Lo mgwebo awuphindezeli kuphela abangcwele kodwa nesimilo sikaThixo ngakwizityholo zobuxoki zikaSathana *(bona uYobhi 1—2, INdum. 51:1—4)*.

**Cinga ngenyaniso yokuba bonke ubomi bakho buza kuqwalaselwa phambi kukaThixo. Liyintoni, ke ngoko, ithemba lakho elikuphela kwalo xa oku kusenzeka?** *(Bona amaRoma 8:1.)*

# Isithsaba Sowoyisileyo

UYohane umchaza uYesu engu"Nyana woMntu, enesithsaba segolide entloko, esandleni sakhe enerhengqa elibukhali" *(IsiTyh. 14:14)*. Igama le "sithsaba" ngustephanos. Sisithsaba sowoyisileyo. Yayisithi imbaleki yakuphumelela ugqatso olubalulekileyo, inikwe istephanos, isithsaba sembeko, sozuko, soloyiso.

UYesu wakha wasinxiba isithsaba sameva, sifuzisela ihlazo nokugculelwa. Wakha wadelwa waliwa ngabantu. Wagculelwa, kwahlekiswa ngaYe, watshicelwa, wabethwa, waqanywaqanywa. Kanti ngoku, unxiba isithsaba sozuko abuye kwakhona kodwa ngoku enguKumkani wookumkani neNkosi yeeNkosi.

**Funda IsiTyhilelo 14:15 noMarko 4:26—29. Zinto zini ezifanayo ozibonayo phakathi kwezi ndima? Zizombini, zithetha ngantoni?**

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

Ingelosi iza iphuma phambi kukaThixo kubuqaqawuli betempile. UThixo ukhangela le ngelosi athi, "Lixesha. Isivuno sivuthiwe" ingelosi iphaphazela isuka etempileni iye kuYesu, ngezwi elikhulu ithi: "Lixesha. Isivuno sivuthiwe." Yiya ulande abantwana bakho ubazise ekhaya.

UYesu uthi rhoqo ukusebenzisa imiboniso yolimo kwiTestamente eNtsha. Ngaphezu kwesiganeko esinye, usebenzisa umfuziselo wesivuno esivuthwayo ukubonisa ukukhula kwembewu yeeNdaba Ezilungileyo Ezingunaphakade ebomini babantu baKhe.

"Ukuntshula kwembewu ekuqaleni kobomi basemoyeni, nokuhluma kwesityalo ngumbono omhle wokukhula komKristu. Njengoko kunjalo kwindalo, kunjalo nakubabalo; abungekhe bubekho ubomi ngaphandle kokukhula. Isityalo kufuneka sikhule okanye sife. Njengokuba ukukhula kwabo kuzolile kungaqondakali, kodwa kungemanga, kunjalo ukuhluma kobomi bobuKristu. Kwinqanaba ngalinye lokuhluma, ubomi bethu bunako ukugqibelela; kanti ukuba injongo kaThixo ngathi ithe yazaliseka, kuya kuba kukubheka phambili okuqhubeka njalo. Ukungcwaliswa ngumsebenzi wobomi bonke. Njengoko amathuba wethu esiya esanda, amava wethu aya eba banzi, nolwazi lwethu luyanda."—Ellen G. White, *Christ's Object Isifundo*, pp. 65, 66.

Ukuvuthwa kokhozo olunexabiso kumele bonke abo baguqulwe lubabalo, bekhuthazwa luthando, bephila ubomi bokuthobela uzuko lwegama likaKristu. Iintliziyo zabo zinye nentliziyo kaYesu, kwaye into abayifunayo yileyo naYe ayifunayo.

**Uyiqonda njani intetho kaEllen G. White ethi "Kwinqanaba ngalinye lokuhluma, ubomi bethu bunako ukugqibelela"? kuthetha ukuthini oko, ngakumbi xa sibona iimpazamo neziphoso zezimilo zethu ngoku?**

# Imbewu Nganye Ikhupha Isivuno

KwisiTyhilelo 14 kukho izivuno ezibini. Isivuno sokutya okuyingqolowa simele amalungisa, kanti esi seediliya simele abangemalungisa okanye abalahliweyo. Zozibini izivuno zivuthwe zagqibelela. Yonke imbewu ehlwayelweyo ivuthwe ngokupheleleyo.

**Funda IsiTyhilelo 14:17—20. Isaci esithi "esixovulelweni esikhulu somsindo kaThixo" sithetha ntoni? Bona IsiTyhilelo 14:10, IsiTyhilelo 15:1, nesiTyhilelo 16:1.**

__________________________________________________________

__________________________________________________________

"Kwaphuma esinye isithunywa sezulu esibingelelweni, sinegunya kuwo umlilo" *(IsiTyh. 14:18)*. Le yingelosi elawula imililo yomgwebo wokugqibela kaThixo. Isivuno sivuthiwe. Isono sifikelele kwimida yaso. Uvukelo ludlule umda wenceba kaThixo. Njengokuba izinto zibe zimbi zingalunganga, ziza kuthi chatha ngaphambi kokuba kudlule konke. UThixo onothando ukwenze konke anokusenzela kona, kuhlaganisa nokuzinikela Yena emnqamlezweni engumbingelelo ngenxa yezono zethu. "Kuba lowo ungazani nasono, wamenza isono ngenxa yethu, ukuze thina sibe bubulungisa bukaThixo kuYe" *(2 Kor. 5:21; bona nakuGal. 3:13)*.

Yintoni enye awayengayenza uThixo ukudlula loo mnqamlezo? Akukho nto ingaphezulu enokwenziwa lubabalo ukuhlangula abo bathi bazingisa ukwala uMoya Oyingcwele.

Nasi isigidimi sesiprofeto esikhawulezileyo sesiTyhilelo 14. Yonke imbewu iye esivunweni. Iingqolowa igqibele ukuvuthwa, neediliya zigqibele ukuvuthwa. Abantu bakaThixo batyhila umfanekiso wobabalo lwaKhe, imfesane, inceba, nothando phambi kweyunivesi. Abantwana bongendawo baveza ukubawa, inkanuko, umona, nentiyo. Isimilo sikaYesu sityhiliwe kwelinye iqela nesimilo sikaSathana sityhiliwe kwelinye.

Iyunivesi iya kubona ebantwini bakaThixo isiTyhilelo sobulungisa, mhlawumbi, ekungekho sizukulwana sakha sabubona ngaphambili. Ukuphikisana nobulungisa bukaKristu obutyhilwe ebantwini baKhe iyunivesi iya kubona iziphumo ezipheleleyo zovukelo ngakuThixo. Inkohlakalo, ububi, nokuchasa umthetho kuya kuba sesichengeni phambi kwabantu neengelosi. Umahluko phakathi kokulungileyo nokubi, okulungileyo nokungalunganga, ukuthobela nokungathobeli, kuya kucaca kuyo yonke iyunivesi, kubantu nakwizithunywa zezulu.

**Ungawuqonda kakuhle kangakanani umahluko phakathi kokulungileyo nokubi? Kubaluleke ngantoni ukuba sikwenze oko?** *(Bona amaHeb. 5:14.)*

__________________________________________________________

**Ingcamango Eyongeziweyo:** "Kungumthetho wezinto ezimbini - imvelo yengqondo nemvelo yasemoyeni - ukuba ngokukhangela siyaguquka. Ingqondo iye iziqhelanise nezinto ethi ivunyelwe ukuba ihlale icamngca ngazo. Iginywa yiloo nto iqhele ukuyithanda iyihloniphe. Umntu akasokuze anyuke ngaphezu komgangatho wakhe wobunyulu okanye wokulunga okanye wenyaniso. Ukuba umna uyeyona nto iphezulu ajonge kuyo, akasokuze afikelele nakweyiphi into engaphezulu. Endaweni yoko, uya kuthi rhoqo esihla ngokuhla. Lubabalo lukaThixo kuphela olunamandla okumphakamisa. Xa kuyekelwe kuye, ngokuqinisekileyo, ikhondo lakhe libheka ezantsi."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, iph. 555.

Ngokufihlakeleyo, ngendlela engaqondakaliyo, phantse engabonwayo ekuqaleni, izimilo zethu nento esiyiyo ziya guquka kuxhomekeke kwimbewu ehlwayelwe ezingqondweni zethu. Hlwayela imbewu elungileyo, uze uvune isiqhamo esilungileyo. Hlwayela imbewu embi yeli hlabathi, uya kuvelisa isiqhamo seli hlabathi esimilweni sakho. Ukuba sihlwayela ukungamkhathaleli uThixo nezinto ezinexabiso neziphambili zikamoya, siya kuvuna isiqhamo esihambelana noko—ukungakhathali, ukwaneliseka ngokwasemoyeni, nodano kubomi bethu basemoyeni. Yiyo le nto abo bacinga bathi, Ke, ndiyazi ukuba ngenye imini intshutshiso yokugqibela iya kubakho, *"uphawu lwerhamncwa" njalo njalo, kodwa iya kuthi xa ifika, ndiya kuzilungisa ngelo xesha*, abo banyula indlela eyingozi. UThixo usibiza ngoku, ngalo mzuzu, ukuba sinikele ubomi bethu kuYe. Ukuba ubani uya libazisa ukusabela kuMoya Oyingcwele, kuya kuba nzima ngakumbi ukuba umphefumlo usabele kwizicengo zikaThixo nokuba kube lula ukuwa, nokukholwa bubuxoki bongendawo.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**❶ Luyintoni ulwalamano phakathi kokusindiswa ngobabalo nokukhula elubabalweni, ngokwesiTyhilelo 14:14—20 nomthetho-siseko wesivuno?**

**❷ Xoxani ngeziqalelo ezifunekayo zokukhula kwezityalo nithelekisa oko nokukhula kwethu kwasemoyeni. Zinto zini ezifanayo? Oko kukuthi, yintoni esiyifundayo kwindlela izityalo ezikhula ngayo esingayisebenzisa ebomini bethu?**

**❸ Ingaba ukho umahluko phakathi kwesakhono sokukhetha esisinikwe nguThixo namandla engqondo? Kutheni le nto kubalulekile ukuwuqonda lo mahluko ekukhuleni komKristu?**

**❹ Kutheni le nto isihlonipho "Nyana woMntu" siyinkuthazo ngelixa lokugweba njengoko silindele ukubuya kwesibini kukaKristu? Kutheni le nto kuyintuthuzelo ukuqonda ukuba umntu, isidalwa, ukhona phaya [ezulwini] emele thina emgwebeni?**